

Vuk'uzenzele



Produced by Government Communications (GCIS)

isiXhosa/English

| July 2016 Edition 2

EC water project brings joy



GOVERNMENT IS set to spend R1.5 billion to bring water to the people of the Eastern Cape with six different projects worth millions.

President Jacob Zuma launched the R345 million Ncorha Bulk Water Project in the Chris Hani District Municipality's Bhanti village recently.

The President said the Ncorha project alone would immediately benefit 29 villages in the district

municipality by bringing them tap water for the first time.

To date R229 million has been spent on the project, said the President.

The Ncorha project draws raw water supply from the Ncorha and Lubisi dams, then it is purified at two water treatment works near

the respective dams. The total estimated completion cost of the whole project is R345 million, said President Zuma.

"As government continues to invest in major infrastructure developments in the Chris Hani

Cont. page 2



Help for struggling municipalities

Page 7

AmaLunchbox: food for thought

Page 14



Community Work Programme growing

Page 15

ALSO AVAILABLE ON:



@VukuzenzeleNews

f Vuk'uzenzele

Websites: www.gcis.gov.za
www.vukuzenzele.gov.za
E-mail: vukuzenzele@gcis.gov.za
Tel: (+27) 12 473 0179

Free Copy

Ukuqinisekisa ukhuseleko lwabantwana

“INJONGO YOKUBHALISA ELI ziko loncedo kukuqinisekisa ukuba abantwana bayakhathalelwa kwaye bakhuselekile endaweni engenangozi.

Albert Pule

Okokuba uneziko elingabhaliswanga loPhuhliso lwaBantwana abaseLula (i-ECD), waphula umthetho kwaye loo nto inganeziphumo ezibi.

U T e b o g o Itumeleng,

uMlawuli oyiNtloko: iNtlalontle yoLuntu kwakunye nee-Nkonzo eziZodwa zoLuntu okwiSebe loPhuhliso loLuntu laseGauteng, uthi la maziko e-ECD makabhaliswe ngokusemthethweni.

“Injongo yokubhalisa eli ziko loncedo kukuqinisekisa ukuba abantwana bayakhathalelwa

kwaye bakhuselekile endaweni engenangozi.”

“Abazali baza kukwazi nokukwazi ukuba abantwana babo bayakhathalelwa kwiziko loncedo elivunyiweyo nelihambelana nemithetho-siseko kwakunye nemigangatho ye-ECD ngokokumiselwa nguMthetho waBantwana,” uchaza atsho u-Itumeleng.

Nabani na ofuna ukuba neziko le-ECD makaqaphele ezi zinto zifunekayo:

- Umntu okanye iziko loncedo malithobele imithetho-siseko nemigangatho ye-ECD ngokokumiselwa nguMthetho waBantwana.
- Iziko loncedo malihambisane nokufunekayo ukuze libhaliswe.
- Iziko loncedo maliphinde lihambisane nemithetho kamasipala kwane-minye eyelele kuyo Akukho mhla umiselweyo wokuva-

la ukuba kubhaliswe iziko loncedo le-ECD kwaye kubhaliswa simahla.

Okokuba ufuna ezinye ii-

nkcukacha, yiya kwii-ofisi zesebe ezikufutshane ezikhoyo kwiingcingqi ngeeingcingqi. **V**

I-OFISI ENGUNDLUNKULU

Nthekei/ Mantwa/ Phumudzo

Umnxeba: 011 355 7846/ 355 7845/ 355 7716

Iselula: 082 336 3123/ 082 469

3123/ 076 480 3979

EKURHULENI

Fikiswa Sosola/ Thandekile Sha-

balala/ Bong Dhlamini/ Hlamarisa Mabasa/ Adel De Bruin

Umnxeba: 011 820 0374/ 011 820 0371/011 748 7620/ 011 820 0379/ 011 820 0396

Iselula: 082 554 4053

ERHAWUTINI

Malebo More/ Zandile Monama/

Zandile Makgalemela/ Nkhensani

Nephawe

Umnxeba: 011 355 9364/ 011 355 9363/ 011 355 9368/ 011 355 9210

Iselula: 079 894 2273/ 079 529

4589/ 082 469 0413/ 082 414 6909

ENTSHONA RANDI

Iris Cindi/ Ikgopoleng Rankudu

Umnxeba: 011 950 7768/ 950 7775

Iselula: 082 331 0903/ 082 448

4801

ETSHWANE

Poppie de Villiers/ Marinda Oosthuizen

Umnxeba: 012 359 3474/ 012 359 3376

Iselula: 079 328 4133/ 079 527

1748

ESEDIBENG


Mmabatho Moabi/ Bombeleni Muzhedzi/ Zukiswa Mabutho/ Vuyisile Bololo

Umnxeba: 016 930 2092/ 016 342

9114/ 016 930 2051/ 016 930 2094

Iselula: 071 492 1058/ 071 492

1053/ 071 492 1023 / 082 312 3725



Indlela yokubhalisa iziko le-ECD

Inyathelo 1:

Ukuseka i-ECD isiqinisekiso semvume sezempilo siyafuneka kwaye sifumaneka kwi-ofisi ekufutshane kamasipala.

Inyathelo 2:

Xa ufumene imvume yakho yakwamasipala kufuneka udibane ne-ofisi yengcingqi yakho ekufutshane yeSebe loPhuhliso loLuntu, apho igosa elibhalisayo liza kuxoxa nawe ngezi zinto zilandelayo:

- Izinto ezifunekayo malunga nobhaliso
- Ugunyaziso ngokwasemthethweni
- Iinkqubo zobhaliso
- Imithetho-siseko nemigangatho
- Amaxwebhu obhaliso
- Iinkqubo zokuhlola.

Unontlalontle okanye umntu ogunyaziswe liSebe loPhuhliso loLuntu laseRhawutini uza kuzichaza izinto ezifunekayo malunga nobhaliso kwakunye namaxwebhu amele ukugcwaliswa. La maxwebhu aquka la alandelayo:

- Ifomu yokufaka isicelo (iifomu 11 ne-16)
- Ifomu esisiHlomelo A (iinkcukacha zabasebenzi kunye neziqinisekiso zemfundo)
- Iifomu eziziziHlomelo B no-C (uluhlu lokutya kwabantwana abaneminyaka

eyahlukeneyo yobudala)

- Ifomu 29 (emele ukugcwaliswa ngumphathi weziko)
- Isicelo sesiqinisekiso sexesha likaxakeka (icebo lokuphuma ubaleka)
- Isivumelwano sengqeshiso, ukuba sifanele
- Iinkcukacha zequmrhu
- Umzobo-nkcukacha wesakhiwo ophunyeziweyo.

Inyathelo 3:

Xa onke amaxwebhu afunekayo efakiwe, unontlalontle okanye nawuphi na omnye umntu oqeshwe waza wagunyaziswa liSebe loPhuhliso loLuntu laseGauteng uza kwenza oku;

- Uza kunika unontlalontle ifayili ukuze aqhubeke nokuqwalasela isicelo.
- Uza kutyelela iziko ukuze ahlole konke malunga nokukhathalelwa kwabantwana, iinkqubo zolawulo kunye nezezimali.
- Uza kugcwalisa ifomu yokuhlola.
- Uza kuthatha isigqibo ngohlobo lwesiqinisekiso sobhaliso emasikhutshwe.
- Uza kukhupha isiqinisekiso semvume yokugcina abantwana ngamaxesha athile kunye nesobhaliso lweenkqubo zeziko le-ECD. Umlawuli wengcingqi uza kuzityikitya.

Isiqinisekiso esipheleleyo sobhaliso siza kuba

seseminyaka emihlanu. Isiqinisekiso sobhaliso esixhomekekileyo siza kuba sesenyanga ezintandathu ukuya kunyaka.

Inyathelo 4:

Unontlalontle okanye umntu oqeshwe waza wagunyaziswa liSebe loPhuhliso loLuntu laseGauteng uza kusoloko ebeke iliso kwiziko nakwinkqubo. Amaziko aza kutyelelwa ukuze kuhlolwe ukuba ngaba imiqathango yobhaliso, imithetho-siseko nemigangatho iyathotyelwana.

Okuxhanyulwayo ngokubhalisa:

- Ukubhalisa kuvumela iziko le-ECD ukuba lisebenze ngokusemthethweni ngelixa ligcine imithetho-siseko nemigangatho efunekayo.
- Iziko le-ECD linganelungelo lokufumana uncedo lwemali.
- Iziko le-ECD lingaxhamla kwiinkqubo zasimahla zokuphuhlisa izakhono nakwezinye iinkqubo zeSebe loPhuhliso loLuntu laseGauteng.
- Ootitshala abaqeshwe kumaziko e-ECD abhalisiweyo bangaqeqeshwa simahla kwiinkqubo zemfundo zenqanaba lesi-4 le-NQF eziqhutywa liSebe leMfundo laseGauteng.

Okokuba iziko le-ECD alibhaliswanga?

Ukungabhalisi iziko le-ECD ku-

kwaphulo uMthetho waBantwana wowa-2005, nto leyo ethetha ukuthi liza kuba lisebenza ngokungekho mthethweni. Isazi-so sonyanzeliso singakhutshelwa amaziko e-ECD anjalo. ISebe loPhuhliso loLuntu lingamangala kwiNkundla ePhakamileyo ukuze iziko linqunyanyiswe lingasebenzi. **V**

Indlela yokubona iziko le-ECD elifanelekileyo

Abazali kwakunye nabagcini-bantwana kufuneka baqinisekise ukuba iziko le-ECD libhaliswe kwiSebe loPhuhliso loLuntu (isiqinisekiso sobhaliso kwakunye nelogo yaseGauteng zixhonywe endaweni esekuhlani).

Oku ikwayindlela yokubonakalisa ukuba izifundo ezifundiswa kweli ziko le-ECD ziyamkelwa liSebe leMfundo, nokuthi ootitshala okanye iingcali zineziqinisekiso zemfundo ezifaneleyo, kwanokuthi abantwana bondliwa ngokufanelekileyo.

Ikhasi le-Facebook:

Gauteng Department of Social Development

I-Twitter: @gpSocDev

Iwebhusayithi: www.socdev.gpg.gov.za

Inombolo yemibuzo: 08600 11000

Iwebhusayithi: www.gautengonline.gov.za

Ukuncedwa koomasipala abasokolayo

LIKHONA ITHEMBA kwanoncedo koomasipala abasokolayo.

Chris Bathembu

URhulumente uza kuthi ngqolo eze namacebo aza kunceda oomasipala abangasebenzi kakuhle.

Utsho uMphathiswa Des van Rooyen weSebe loLawulo lweNtsebenziswano neMicimbi

Iminyaka eli-15

yorhulumente

wentando yesininzi

Yiminyaka eli-15

okoko lwathi lwakho unyulo lokuqala likarhulumente wengingqi lwentando yesininzi eMzantsi Afrika emva kwenkqubo yocalu-calulo. UMphathiswa weSebe loLawulo lweNtsebenziswano neMicimbi yeMveli uDes van Rooyen uthi mkhulu umsebenzi osele wenziwe koorhulumente bengingqi. Kodwa noxa kunjalo isekho imingeni ekufuneka iqatyelisiwe.

Unyulo loorhulumente bengingqi lomhla wesi-5 kweyoMnga kowama-2000 lwaguqula izinto ezininzi kurhulumente wengingqi.

Kwacandwa imida emitsha yoomasipala kulo lonke eli lizwe kwaze kwacinywa imida yexesha localu-calulo.

"Mninzi umsebenzi omhle osele wenziwe. Kodwa ndicinga ukuba siza kuba siyazimfamekisa... xa sinokugqiba kwelithi yonke into igqibelele. Sisuka kwiminyaka emininzi yokonganyelwa ngamanye amazwe, inkqubo yobukholoniyali. Salwa ngepumelelo urhulumente wocalu-calulo owawuphethe iminyaka engama-50. Ngoko ke, kusekuninzi okungekenziwa, kodwa kukhulu esele sikwenzile ukuza kuthi ga ngoku.

"Abantu beli sibabonelele ngeenkonzo ababengazifumani kwimihla engaphambili. Mkhu lu umsebenzi esele siwenzile, kodwa singabokuqala ukuvuma ukuba kusekho okunye okusafuneka kwenziwe. Okubaluleke nangakumbi kukuba kule minyaka eli-15 zininzi kakhulu nezinto esizifundileyo," utshilo uMphathiswa. **V**

yeMveli (i-CoGTA).

Ethetha nentatheli ka-Vuk'uzenzele, uMphathiswa Van Rooyen ugxininise into yokuba oomasipala basemfuthweni wokini-kezelwa kweenkonzo kwaye babalulekile ekubaliseni ngeninyaka eli-15 yorhulumente wengingqi wentando yesininzi. Esi siganeko sibaluleke kangaka siyakhunjulwa kulo nyaka.

UMphathiswa uthi kubaluleke kakhulu ukuba wonke umntu ancede ekwenzeni eli nqanaba likarhulumente lisebenze ngamandla.

Ukusebenza koomasipala kuyashiyashiyana, kodwa abo basebenza kakubi banento yokuzibizela amehlo, utsho uMphathiswa. Kodwa ke, uMphathiswa uhambisa athi ingxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele yeziphumo zokuphicothwa kweencwadi zikarhulumente wengingqi yonyaka-mali wama-2014/15 ingqine into yokuba mninzi umsebenzi omhle owenziwa koomasipala.

"Kukho oomasipala abasebenza kakuhle kuzo zonke zozi-

thathu izigaba. Sicinga ukuba okokuba omnye ufunda komnye, amava abanye baba masipala angasetyenziswa eku-nyuseni izinga lokusebenza kwaba masipala bafadaleleyo bethu."

Ingxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele ikwabonisa nokuba

"...mninzi umsebenzi omhle owenziwa koomasipala..."

kukho oomasipala abafuna uncedo. I-CoGTA, isebenzisana noNondyebo weSizwe, yenze amacebo alandela ukuphicothwa kweencwadi aza kunceda oomasipala abasokolayo balungise iimpazamo zabo.

"Sicinga ukuba isende indlela eza kuhanjwa ingakumbi ngoomasipala basemaphandleni. Ngokubona kwam, le nto ibangelwa zimeko zezoqoqosho kwabo masipala kwaye ngenxa yoko oomasipala abanjengabo abanako ukugcina abantu abanamava nobuchule bokujongana nezo ngxaki zabo," utsho uMphathiswa. **V**



UMphathiswa Des Van Rooyen uthi oomasipala basemfuthweni wokunikezela iinkonzo.



UMzantsi Afrika ululungele unyulo

ONKE AMALUNGISELELO oNyulo looMasipala agqityiwe.

ISebe loLawulo lweNtsebenziswano neMicimbi yeMveli kwakunye neKhomishini yoNyulo eziMeleyo (i-IEC) balulungele uNyulo looMasipala. Utsho uMphathiswa uDes van Rooyen.

I-IEC nabo bonke abachaphazelayo abalali buhlayo ngeenjongo zokuqinisekisa ukuba unyulo luza kuba kwimeko enoxolo, ekhululekileyo nengenadolo, wongeze ngelithshoyo.

Ethetha malunga nokuthethwa sisigwebo sakutsha nje seNkundla yoMgaqo-siseko mayelana nomqulu woluhlu lwabavoti, uMphathiswa uthi kuza kwenziwa konke ukuqinisekisa ukuba i-IEC isithobela ngokupheleleyo isigwebo senkundla".

Ngomhla we-14 kweyeSilimela, inkundla yagweba ngelithi uNyulo looMasipala lungaqhubeka ngomhla wesi-3 kweyeThupha noxa umqulu woluhlu lwabavoti ungaphelelanga.

Kodwa inkundla yanika i-IEC iinyanga ezili-18 ukuba ilungise amakhwiniba kwaye

ifumane iidilesi ezisasilelayo zezigidi zabavoti ababhalisileyo.

UMphathiswa uthe urhulumente uza kuncedisa i-IEC kwiphulo elikhulu lokuqinisekisa ukuba lo myalelo uyathotyelwa phambi kokuba kufike umhla omiselweyo.

"I-IEC, isebenza kunye neKomiti yaBaphathiswa esekelwe ukujongana nonyulo, kuza kufuneka iqinisekise ukuba umyalelo wenkundla uthotyelwa ngokupheleleyo."

UMphathiswa ukwabongoze abemi boMzantsi Afrika ukuba bangabheneli kubundlobongela ngokuye sisondele kusuku lolonyulo, watsho esithi naluphi na uhlobo lobundlobongela nezoyikiso alwamkelekanga.

"Sixhalabe kakhulu kukunyuka kweziganeko zobundlobongela ezenzekayo ngokuya unyulo lusondela. Iingxaki yemingcelele yoqhankqalazo emininzi enobundlobongela iyasixhalabisa. Sicela abantu bakuthi ukuba bazame ukusombulula iingxaki zabo ngoxolo. Siyazigxeka zonke iintlobo zobundlobongela ezihambelana nonyulo".



Uthe asiyo-IEC yodwa enoxanduva lokuqinisekisa ukuba imeko ivumela unyulo olukhululekileyo nolungenadolo.

"Sonke simele ukudlala indima. Onke amaqela ezopolitiko atyikitye imigaqo yendlela yokuziphatha kwaye kufuneka ayilandele. Si-sonke njengebachaphazelayo kufuneka sidlale indima." utshilo uMphathiswa. **V**